Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2010

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LESITHATHU

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

* X H O F A 3 *

Olu viwo lunamaphepha ali – 9.

Akuvumelekanga ukulifotokopa eli phepha **Tyhila iphepha**

IMIYALELO

1. Eli phepha linamacandelo amathathu:
   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Yenza uyilo (umzekelo: imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.

5. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Krwela umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

6. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinane KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama- 30 KWICANDELO C.

7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

9. Bhala ngokucocekileyo nokucacileyo. Pela kakuhle.

10. QAPHELA: UBUDE BEMPENDULO
    KWICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama.
    KWICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 amagama. (umxholo kuphela)
    KWICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama. (umxholo kuphela)

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala kangangamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Bhala isincoko esiphela ngamazwi athi; "Ithemba alibulali".
- Wawunethemba lantoni?
- Zinto zini ezikhokhelele ukuba ubenamazwi anje ngala? [50]

OKANYE

1.2 Ukubaluleka kokhenketho.
- Yintoni ukhenketho?
- Zindawo ezinjani ezinganomtsalane kubakhenkethi?
- Lubaluleke njani ukhenketho, kwaye lungasinceda njani isizwe? [50]

OKANYE

1.3 "Ntanga ndivelelwe utata uthi kufanele ukuba adibane nabadala ukuze babonisane ngentombi endiza kuthathelwa yona". Watsho uSipho engcwengisa iinyembezi. "Kanti ingxaki iphi apho ntanga? Kaloku abantu abadala bathi, owona mtshato unguwo ngosekwe ngabazali. Kulungile ukubabeka abazali mhlobo wam ukuze imihla yakho yolulwe." Waphendula njalo uKamva.
- Bhala isincoko sakho usisusa kule ncoko ingasentla ubonise ukwahluka kwezimvo zolutsha ngalo mba.
- Izinto ezikhokhelela koku ngaboni ngasonye. [50]

OKANYE

1.4 Iinkolo ebantwini.
- Iinkolo entlalweni nasempilweni yoluntu.
- Iinkolo ezinganobungozi nezingenabo (ezisetyenziswa ekuqeqesheni).
- Ukusetyenziswa kweenkolo kuluncwadi (ezincwadini). [50]

OKANYE

1.5 Ukuba ubunguCeba okanye uSodolophu wengingqi yakho zinto zini obuya kuzenza ukuphuhlisa ingingqi yakho?
- Amathuba omsebenzi.
- Ukwakhiwa kweendawo zokuhlala.
- Ucoceko, njalo-njalo. [50]

OKANYE

Jongisisa le mifanekiso ilandelayo, uze ukhethe ube MNYE ubhale isincoko ngendlela obona ngayo imifanekiso.

1.6



[50]

[Ukhanyo: ibanga, 9 p. 161]

OKANYE

1.7



[50]

[Ukhanyo: ibanga, 9 p. 161]

OKANYE

1.8



[50]

[Ukhanyo: ibanga, 9 p. 161]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala kangangamagama ali-80 ukuya kwi-100.

2.1 **UMSEBENZI WETHUTYANA ! ! !**
Icandelo lezoHambo noKhenketho lifuna umntu onezi zinto zilandelayo:

- **Okwaziyo ukuthetha isiXhosa nesiNgesi**
- **Okuthandayo ukusebenza nabantu**
- **Okwaziyo ukuphendula umnxeba**
- **Ophumelele ibanga le- 11**
- **Oneminyaka eli- 17**

IMISEBENZI AZA KUYENZA:

- **Ukwamkela iindwendwe**
- **Ukwalathisa abakhenkethi indlela**
- **Ukunceda abantu abafuna ulwazi**
- **Ukugcina i-ofisi icocekile**

Thumela ileta yesicelo salo msebenzi kule dilesi ilandelayo;
UManeja
Isebe leZothutho noKhenketho
East London
6099
Umhla wokuvalwa kwezicelo: 3 Okthobha 2010

Bhala ileta wenze isicelo salo msebenzi ubhengezwe ngasentla. [30]

OKANYE

2.2 Uyinkokheli yombutho wabafundi esikolweni sakho. Inqununu ikuyalela ukuba wenze iMemorandam usazisa abafundi ngomba othile ongxamisekileyo. Ixesha lokubamba intlanganiso alikho njengoko sekumaxhaphetshu kulungiselelwa iimviwo zokuphela konyaka. [30]

OKANYE

2.3 Utitshala wakho uza kusishiya isikolo sakho aye kufundisa kwesinye isikolo, uza kwenzelwa itheko lokuthi ndlela-ntle. Wena uza kwenza intetho umele abafundi kulo mnyhadala. Bhala loo ntetho. [30]

OKANYE

2.4 Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo uze uzikhethele imbalasane oyithandayo, uze wenze udliwano-ndlebe nayo.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 ukuya-80. Wubhale kwiphepha elitsha.

3.1 Umama wakho uvule ivenkile ethengisa izihlangu neebhegi zamanenekazi. Bhala isibhengezo wazise abathengi ngale venkile intsha kamama wakho. [20]

3.2 Xa uthenga umatshini nokuba sisitovu/ifriji/umabonakude njalo-njalo udla ngokufumana incwadana enemiyalelo malunga nendlela yokusebenzisa umatshini lowo. Kule mifanekiso ingezantsi khetha isixhobo setekhnoloji sibe sinye uziyilele eyakho incwadana yemiyalelo, ubhale phantsi imiqathango ecacileyo ekufuneka ilandelwe xa kusetyenziswa nasiphi na isixhobo osikhethileyo.



[20]

[Ukhanyo: ibanga, 10 p. 46]

OKANYE

3.3 Kufunwa umntu oza kuncedisa ekuthengiseni iilekese kubantwana besikolo ngexesha leholide. Ubudala mabube li-17 ukuya kwi-18 leminyaka. Makabe ngumfundi owenza ibanga le-12 kulo nyaka abe nobuchule bokuthengisela abantu. Zalisa le fomu ingezantsi ukuba unomdla wokufumana lo msebenzi. Ifomu yikrazule uyingenise nephepha lakho leempendulo.

LISTA SWEETS AND CHOCOLATES
P. O. Box 41, Butterworth, 4960
Inombolo yomnxeba: 073 728 7676

Iinkcukacha malunga nawe:

IGAMA																				
IFANI																				
UMHLA WOKUZALWA	Y	Y	Y	Y	M	M	D	D												
INOMBOLO YESAZISI																				

Faka u-*X* kwibhokisi efanelekileyo

ISINI	Indoda	Ibhinqa	Inombolo yomnxeba										

IDILESI										
IKHOWUDI										

Iinkcukacha malunga nabazali:

UMAMA																			
UTATA																			
UMSEBENZI KAMAMA																			
UMSEBENZI KATATA																			
IDILESI																			
IINOMBOLO ZOMNXEBA	EKAMAMA																		
	EKATATA																		

Iinkcukacha ngemfundo
Isikolo ofunda kuso: _____
Ibanga okulo: _____

Intsayino-magama	Umhla	Indawo	
.....	.....	.....	[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100

Akuvumelekanga ukulifotokopa eli phepha